Isalathiso: 20201023-9003
Inombolo yefayili: 5/1/7/4
Imibuzo: JT Solomons

ISetyhula: 0054/2020
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kuBaphathi beeSekethe nakuMagosa kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili

Isishwankathelo esifutshane: *Le setyhula yazisa amagosa ngemisebenzi noxanduva lwawo xa esebenzisa izithuthi zeGaraji kaRhulumente (Government Garage) (GG).*

Isihloko: Imisebenzi noxanduva lwamagosa xa esebenzisa izithuthi zeGG

1. Le setyhula iye yahlaziywa yaye itshitshisa yaye ithathe indawo yeSetyhula 0030/2015 yomhla we-10 Apreli 2015 ngokupheleleyo.

2. Ngenxa yokwanda kokusetyenziswa kwezithuthi ze-GG ngamagosa eSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*), kuye kwayimfuneko ukuba kukhunjuzwe amagosa ngemisebenzi noxanduva lwawo ngokwe-*National Transport Circular No*. 43 yango-2019, yomhla we-26 Septemba 2019, kwaneSetyhula U2 13B-2019-20, yomhla we-20 Disemba 2019.

3. **Ukubhukishwa kwesithuthi seGG ukwenzela iihambo zaseburhulumenteni**

Isithuthi seGG masibhukishwe ubuncinane kwiiyure eziyi-24 phambi kokuba kuthathwe uhambo ngokuzalisa i-*Application to Travel* (*GMT* 2019-01) *Form* ngokuphindwe kabini (*in duplicate*). Isigunyaziso sohambo masivunywe ligosa elikwinqanaba lesikhundla seSekela Mlawuli okanye esingaphezu koko yaye mayibekho imali yokuthatha uhambo olo.

4. **Ukulungela kwesithuthi ukuhamba endleleni**

4.1 I-*Government Motor Transport* (*GMT*) iziphucule izithuthi zeGG yaza yazitshintsha ezinye izithuthi ezifikelele kwisiphelo somjikelo wobomi bazo. Injongo yethu, ngoncedo nangentsebenziswano yenu, kukuba sigcine yaye siphucule imeko

yezithuthi ze-*GG*. Ukuqinisekisa ukuba isithuthi ngasinye sikwimeko entle nekhuselekileyo kwaye sikulungele ukuhamba endleleni, kunyanzelekile ukuba umqhubi asihlole isithuthi phambi kokuba asisebenzise ngokuthi azalise uluhlu lokutshekisha alunikiweyo.

4.2 Ukuba kuye kwakho nawuphi na umonakalo kwisithuthi okanye iingxaki zokufuna ukulungiswa (*mechanical problems*), umqhubi makakuxele oko ngoko nangoko kwicandelo elijongene nezothutho. Ukuba kuye kwakho nawuphi na umonakalo, ilahleko okanye ukubiwa kwesixhobo sesithuthi okungaxelwanga (*not reported*), ityala liya kubekwa emagxeni omqhubi wokugqibela ukusebenzisa isithuthi esichaphazelekayo.

4.3 Makutshekishwe ngononophelo isithuthi se-*GG* ukuqaphela ezi ziphene zilandelayo phambi kokuba kuqhutyekwe ngohambo:

a) Ukubetheka nemikrwelo kubuqu besithuthi nakwiibhampa, ifestile yangaphambili echachambileyo neefestile ezichachambileyo, amatayari amtyibilizi namoshakeleyo, ukuchitheka kwe-oyili namanzi phantsi kwesithuthi;
b) Izibane zangaphambili neebreyikhi (kubandakanywa nebreyikhi yesandla) ezingasebenzi kakuhle
c) Akukho diski yelayisensi isemthethweni; yaye
d) Akukho vili lisisipere, jekhe okanye sipanela samavili.

4.4 Omakuqatshelwe kukuba luxanduva lomqhubi ukungavumi ukuqhuba nasiphi na isithuthi esikwimeko yokungakulungeli ukuhamba endleleni.

5. **Ukulungiswa/ukulondolozwa kwezithuthi ze-*GG***

5.1 Nasiphi na isiphene kwisithuthi masiqwalaselwe ngoko nangoko ukuthintela umonakalo ongaphezulu. Isithuthi esinesiphene asiyi kukhutshwa side isiphene eso sibe silungisiwe.

5.2 Ukulungiswa nokulondolozwa kwezithuthi ze*GG* yinto yokuqala ngaphezu kokusetyenziswa kwazo. Ngako oko ke, ukulungiswa kwezithuthi akusayi kulityaziswa ngenxa yokunqongophala kwezithuthi. Amagosa ezothutho makaxelelwe ngaso nasiphi na isithuthi ekumele siye kulungiswa (*due for service or repairs*) o.k.t. ukuba sikho isalathisi esibonisa oko (*vehicle servicing indicator is on*).

6. **Ukucoceka nobunono kwizithuthi zee-*GG***

6.1 Ukutshaya akuvumelekanga kwizithuthi ze*GG*. Makuthathelwe ingqalelo abo bangatshayiyo ekufuneka nabo basebenzise isithuthi. Ukungathobeli oku kuya kukhokelela ekuthathweni kwamanyathelo oluleko ngakwabo baqhubekayo ngokutshaya kwizithuthi bephikisana no*Mgaqo-nkqubo wezoKutshaya weSebe leMfundo leNtshona Koloni, 2015* (*WCED Smoking Policy*, 2015) kwaye balahle uthuthu lwemidiza nezitompi kwisithuthi.

6.2 Abaqhubi bezithuthi zeGG, ngokusebenzisana namagosa ajongene nezothutho, mabaqinisekise ukuba izithuthi zigcinwa zicocekile nangobunono, ngaphakathi nangaphandle. Zonke iibhotile ezingamakhoba/iitoti ezingamakhoba, iibhokisana ezilahliweyo zokufaka ilantshi, amaxwebhu omsebenzi, njl. njl. makasuswe kwisithuthi phambi kokuba sibuyiswe.

7. **Iingozi**

7.1 Ingozi okanye ilahleko echaphazela isithuthi seGG mayixelwe zingadlulanga iiyure eziyi-24 kwiNkonzo yamaPolisa aseMzantsi Afrika (*SAPS*) nakwigosa elijongene nezothutho elichaphazelekayo.

7.2 Umqhubi kufuneka:

a) angasisusi isithuthi xa kuye kwenzakala okanye kwasweleka nawuphi na umkhweli (nabaphi na abakhweli) okanye umntu (abantu);
b) angavumi butyala kuye nabani na okanye athembise ngokwenza naluphi na uhlobo lwentlawulo;
c) aqhagamshelane no-*Nedfleet* ukwenzela ukuba isithuthi sirhuqwe xa kuyimfuneko (aqinisekise ukuba ziyasuswa izinto ezinexabiso kwisithuthi nokuba i-*logbook* nekhadi lepetroli/le-*toll,* zinikwa igosa elijongene nezothutho);
d) afumane i-*case number* ku-SAPS zingadlulanga iiyure eziyi-24; yaye
e) azalise ifom yengxelo yengozi i-*Collision/Accident Report (GMT 2012-02)*, efumaneka kumagosa ajongene nezothutho, aze ayingenise, ihamba kunye nawo nawaphi na amanye amaxwebhu axhasayo afanelekileyo (o.k.t. isigunyaziso sohambo, ilayisensi yomqhubi, izitatimenti zamangqina, isketshi sendawo leyo kwehle kuyo ingozi, isigunyaziso sokugcina isithuthi egaraji/uyigcine kwindawo eyeyakho ebusuku), zingadlulanga iintsuku ezintlanu zomsebenzi kwigosa elijongene nezothutho elichaphazelekayo.

8. **Ukulandelelwa kwezithuthi**

Amagosa kufuneka ayazi ukuba izithuthi zeGG zifakelwe ii-*electronic global positioning satellite tracking devices* kwanokuba kubekwe esweni iihambo zesithuthi nokuziphatha komqhubi, o.k.t. ukuhamba ngesantya esiphezulu.

9. **Iinombolo zeefoni**

9.1 I-*GMT* isebenzisa aba baboneleli-nkonzo balandelayo:

a) *Nedbank (Nedfleet);*
b) *Automated Fleet Solutions (Afsol) (vehicle tracking); kunye*
c) *ne-Transit Solutions(eFuel).*

9.2 Iinombolo zefoni zabo zezi zilandelayo:

9.2.1 **I-NEDFLEET:**

a) Inkonzo egunyazisiweyo namatayari (*Service authorisation and tyres*): **0800 500 05**

b) Ukunika ingxelo ngokulahleka/ngokubiwa kwamafutha emoto/amakhadi e-*toll (Reportingof lost/stolen fuel/toll cards:* **0800 500 005***(*ngeeyure zexesha lomsebenzi *(office hours)*/**071 879 5111**(ngeeyure zasemva kwexesha lomsebenzi) *(after hours)*

c) Ukutsalwa kwezithuthi (*Towing of vehicles) (ingozi okanye ukophuka kwesithuthi) (accident or mechanical breakdown):* **0800 500 005**

9.2.2 ***AFSOL***

IZiko leeFoni i-*Afsol (Afsol Call Centre):* ***082 316 1761***

9.2.3 **I-*TRANSIT SOLUTIONS (eFuel):***

a) *I-eFuel (eFuel Helpdesk) (manual overrides):* **0860 100 353**

b) Iingxaki ii-*Installation or calibration problems):* **021 467 4768** (ngeeyure zexesha lomsebenzi) *(office hours)*/***071 879 5111****(*ngeeyure zasemva kwexesha lomsebenzi) *(after- hours)*.

9.2.4 **I-*GMT:***

a) Izinto ezilahlekileyo nezibiweyo, kwakunye neengxaki zemeko yesithuthi*:* ***021 467 4756***

b) Ukunika ingxelo ngengozi *(Reporting of accidents):* ***021 467 4713*** *(*ngeeyure zexesha lomsebenzi*) (office hours) /**0800 500 005** (ngeeyure zasemva kwexesha lomsebenzi) (after hours)*

c) Ukubiwa kwesithuthi okanye ukuphangwa *(Vehicle theft or hijackings):**082 316 1761*** *(*le nombolo isebenza iiyure eziyi-24 ngemini, iintsuku ezisixhenxe ngeveki kwaye apho kufuneka kunikwe ingxelo ngokukhawuleza)

d) IZiko lokuKhathalelwa kwabaXhasi *i- GMT&M* (*GMT&M Client Care Centre):* **0800 092 468**

e) Inombolo yokunika ingxelo ngokuphathwa kakubi kwesithuthi *(Vehicle misuse reporting line):* **0800 092 468/082 906 4057**

10. Ukufumana ingcaciso engaphezulu, ungaqhagamshelana nalo naliphi na elinye lala magosa akwaNdlunkulu alandelayo:

Nksk F Abdou	Ifoni 021 467 2811
Nksk C Albertus	Ifoni 021 467 2794
Nks V Ntshinga	Ifoni 021 467 2808
Nks A Gana	Ifoni 021 467 2715

11. Makwaziswe okuqulethwe yile setyhula bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2020-12-21